URhulumente weNtshona Koloni
EzeMfundo

ICandelo loCwangciso loLawulo noKuphathwa kwamaZiko

Isalathiso: 20200629-6701
Inombolo yefayili: 12/12/2/P
Imibuzo: DD Louw

ISetyhula: 0019/2020
Umhla wokuphelelwa: Awukho

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kumaSekela Balawuli, kwiiNtloko zoLawulo nokuPhathwa kwamaZiko, kuBaphathi beeSekethe nakwiiNqununu kunye namaLungu amabhunga olawulo ezikolo zikarhulumente

*Isishwankathelo esifutshane: Iingxelo-mali zaqho ngonyaka ekufuneka zenziwe zize zingeniswe kwiNtloko yeSebe leMfundo.*

**Isihloko: Ukwenziwa nokungeniswa kweenngxelo-mali zaqho ngonyaka**

1. NgokoMyalelo 17 wokufakelwa kwezilungiso kwimiyalelo ekhutshwe ngokoMmiselo 4(3) weMimiselo eyenziwe phantsi kwecandelo 27(2) loMthetho woLawulo lweeNtlekele, 2002 (uMthetho 57 ka-2002) epapashwa *kwiGazethi kaRhulumente No. 43465* yange-23 Juni 2020, lo myalelo ulandelayo ukhutshwe ngokuphathelele ekwenziweni kweengxelo-mali zaqho ngonyaka (*annual financial statements*)(*AFS*) nasekungeniswenikwazo kwiNtloko yeSebe leMfundo (*HoD*).

2. Apho ii-*AFS* zesikolo bezingangeniswanga ekupheleni kukaMatshi 2020 ngokwecandelo 42(b) loMthetho weZikolo zaseMzantsi Afrika (*SASA*), 1996 (uMthetho 84 ka-1996)) njengoko ufakelwe izilungiso, ibhunga lolawulo malizenze yaye lizingenise ii-*AFS* ingadlulanga i-31 Julayi 2020.

3. Apho ii-*AFS* zesikolo bezingangeniswanga kwiNtloko yeSebe (*HoD)* ingadlulanga i-30 Juni 2020 ngokwecandelo 43(5) le*SASA*, ibhunga lolawulo malingenise ikopi yee-*AFS*, eziphicothiweyo (*audited*) ingadlulanga i-30 Septemba 2020, kwiNtloko yeSebe (*HoD)*.

4. Kucelwa niqinisekise ukuba okukule setyhula nezikhokelo kwaziswa bonke abachaphazelekayo, kubandakanywa nomphicothi-zincwadi wesikolo ukuze bakuthathele ingqalelo.

**ISAYINWE:** NGU-BK SCHREUDER
**INTLOKO YESEBE LEMFUNDO**
**UMHLA:** 2020-07-28

Lower Parliament Street, Cape Town, 8001
Tel: +27 21 467 2000 Fax: +27 21 483 7658
Safe Schools: 0800 45 46 47
Private Bag X9114, Cape Town, 8000
Employment and salary enquiries: 0861 92 33 22
www.westerncape.gov.za